Isalathiso: 20200124-3574
Inombolo yefayili.: 13/7/1/2
Imibuzo: Abacebisi beZifundo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0002/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli,(kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziNtloko, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo ze-*National Senior Certificate*

Isihloko: IZikhokelo zeeMviwo zeBakala 12 zango-2020 ze*National Senior Certificate* (*NSC*) ze-*Accounting*, ze-*Business Studies* neze-*Electrical Technology*

1. IZikhokelo zeeMviwo zenzelwe izifundo ze-*Accounting*, ze-*Business Studies* neze-*Electrical Technology*.

2. IBhunga laBaphathiswa bezeMfundo (*Council of Education Ministers)* likuvumile ukohlulwa kwamaphepha eemviwo zangoku ze-*Accounting* ne-*Business Studies* ukuba zibe ngamaphepha **amabini** abhalwa ngeeyure ezimbini anamanqaku ayi-150 iphepha ngalinye yaye oku kuya kuphunyezwa kwiBakala-12 ku-2020.

3. I-*Electrical Technology* njengesifundo ayizange ibenaso isikhokelo seemviwo, nakuba kunjalo, ngokuqaliswa kweenkalo ezintathu zezifundo ezikhethekileyo kwiBakala 12 ngo-2018, kubekho isicelo sezikhokelo zeemviwo ebesisuka kootitshala nakubacebisi bezifundo.

4. Izikhokelo zeemviwo zenzelwe ukunceda ootitshala nabafundi kumalungiselelo abo eemviwo ze*NSC* zango-2020.

5. Kubalulekile ukukuthathela ingqalelo ukuba ezi zikhokelo zeemviwo azithathi ndawo ye-*Curriculum and Assessment Policy (CAPS),* njengoko zibonelela kuphela ngeenkcukacha malunga neemviwo zokugqibela ze*NSC* kwaye, apho kukho imfuneko, zicacisa iinkalo eziza kufikelelwa nobunzulu bekhontenti eza kuvavanywa. Ngoko ke, kucetyiswa ukuba isikhokelo ngasinye masisoloko sisetyenziswa ngokunxulumene ne-*CAPS* yesifundo.

6. IZikhokelo zeemviwo zeBakala-12 ze-*Accounting*, ze-*Business Studies* neze-*Electrical Technology* ziyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe leMfundo esiSiseko phantsi koKharityhulam okanye kule linki ilandelayo: https://bit.ly/36jyP9H

7. Kucelwa ukuba iiNqununu zazise le ngcaciso kootitshala bezikolo zikarhulumente nabezikolo ezizimeleyo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI- JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-01-28